IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

IXABISO 3d.]

(NATIVE OPINION).

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, JANUARY 26, 1885.

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

[No. 13.

IRAFU YE NDLELA

Isaziso kuye wonke esimfaneleyo.

Ngesigqibo se Gqugula elipete Imicimbi yesiqingata.

ABO abangekaziroli irafu zabo zendlela bazingenise kwi Council, bayaziswa ukuba bazinikele kwisituba senyanga enye, kususela |kwolusuku lwesisaziso—ekotike e- mva kweloxesha, abo abangekaba- tali amagama abo anikelwe kwi gqweta le Council, eya kuba liloke eliya kuzibuta ezo rafu ngokwa semtetweni xa kuya kunqweneleka lenjenjalo.

Irafu zendlela zifuneka zibatale- lwe yonke imihlaba ne mpahla ekwesi Siqingata, elunge kulowo nalo- wo ngamnye, kubatalelwe nemihla- ba eqeshwe kwa Rulumente, noku- bana ngoqeshe ku Rulumente nge- siqu akukataleleki, olapo emhlabeni ngeloxesha makawubatalele; kufunekake nayo ibatalwe kwi ofisi ye Divisional Council emva kokuba lixeliwe inani emalihlaulwe ngonya- ka ekungayikubuye kuxelwe nga- kumbi ke.

Ngomyalelo
H. T. FULLER,
Umbali.

Kwi Ofisi ye Divisional Council, e-Qonce,
January 21, 1885.

ABABALELANA.

NO Rev. E. MAKIWANE, wase Macfarlane, eTyume. buyacelwa ukuze incwadi zake bazitumele kwa TSOLO, via.
Qumbu, Griqualand East.

KULAHLEKE

E-NGQAMAKWE ngo 19 November, 1884, ihashe elimtuqwa. Olifumeneyo, umblaumbi, ovakalise umkondo ongabanga ukuba lifunyanwe wozuza umvuzo ofanelekileyo.
WILLIAM F. BASSI.
St. Edmund's, Hebehebe, 21 January, 1885.

NDIPENI UMKONDO!

INKABI EMTUQWA, umtuqwa obomvu one- bala estendeni kumlenze wase kunene, aliqa- belanga kakulu. Umtuqwa omana ukugula xa ukwelweyo. Iminyaka maibe iseshumini.

UMFUSA onekolo encinane isinqana sikwasifutshane yinkabi ekubonakaleni.—Acawe ntatu namhla elahlekile. Onokundilandisa umkondo ngokude afunyanwe wovuzwa— makatumele ku

JOHN BALI. Fort White, Debe Nek,
December 27, 1884.

IMFUNDO.

I KAYA le Ntombi ne Sikolo sase Ncemera (Peelton) liyakuvulwa ngo 30 JANUARY, 1885. Intsapo ilindelwe ukuba ifike ngolosuku.

E. W. H. STURROCK,
Inkosazana-Eyongameleyo. Shaftesbury Home, Peelton,
January 15, 1885.

R. W. ROSE-INNES,
Umteteleli-Ematyaleni,
Unqinisi,

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute- teni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno- kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

BONKE abantsundu abafuna amayeza namacebo apatelele ekungapilini ka- kuhle. Mabeze ku GEO. BRAUNS, Umdi- banisi wemiciza, e Alexandra Road, e-Qonce. Ondlu ikangelene netyalike yama Roma kwane ofisi zakwa Rulumeni.

Kulamazwi alandelayo andizi kuxoxa ngento enye. Ndiyakuti ngokufutshane ndikankanye ingxoxo ekuke kwangenwa ku ; zo kutshanje : ingxoxo ezinoluto olusingisel- kolumanyano. Ukuzikankanya kwam ndi- nga ndingacacisa okungati akuqondakalie andizi kuvelisa manceda. Ndinga kanjalo amalungu olu Manyano angayicinga imfanelo yawo malunga nezizixoxo.

Inteto yokuqala endiza kungena kuyo ye- singisele kubantu abatsha; inteto ekade ipe- twe ngabantu abazizihlobo zetu nabangezizo. Ndiyazi ukuba ndiza kuzifaka emalahleni; nokoke lenteto ixoxwa kangangokuba nditi kuyimfanelo yam ukunikumbuza kwase ntlo- ko, nokuba ndityile endikuqondayo malunga nayo. Kunjalo nje lengxoxo inkulu, inama- sebe amaninzi; amanye ingamasebe endi- ngekaboni bani ewaugena nakuba ekwamakulu nawo. Malunga nengxoxo le yabantu abatsha zintatu indawana endinga ndingake ndizipate.

Eyokuqala yeyokuba abantu abatsha, ngo- kukodwa aba balunge nolu Lumanyano Ngemfundo babanga ukuti bangangabelungu; kutiwa esi sizukulwana sinyukayo silibele ukuba abantu balapa baluhlanga olupantsi. Ukusi- kumbuza oko esi sizukulwana sifike sibalise- Iwe ngamagama amakulu nemisebenzi emi- kulu yabelungu. Kufika kutetwengo Shakes- peare, no Milton, no Bacon, nabanye; kuze kukankanywe ololiwe neminye imisebenzi ebonisa inkutalo nobugcisa babelungu, kuze ke kubuzwe ukuba lilipina igama lase Maxo- seni elilingana nala magama : upina umsebe- nzi ongangalo. Kuti kusitshiwo kube kuva- kaliswa ukuba bekungeko nto yimbi ibe ingalindelekayo kakade, kuba Amangesi ane- minyaka emawaka mabini enokukanya (civilization) babe abantsundu balapa bese ngamabaribari, nabangati abananto kunaba- nye basaqingatise nje kodwa ekukanyeni— kuba aba kutiwa bafundile, kutetwa inteto nje kodwa. Ukuqondiswa kwesisimo kwe- nziwa ngobushushu obukulu nobuciko. Azi- zininzi izinto ezindimangalise njengenxam- leko, namandla, nemfundo ezicilelwa eku- boniseni esi simo. Ngapandle kwamazwi atetwa ekuhleni, ndikolwa ukuba akuko apa ongazaziyo indledlana ezisiteleyo ezisimilo si- tandabuzekayo abalinga ngazo abanye uku- bonisa ukuba uhlanga oluntsudu lupantsi kunolwa Mangesi. Eyona nto indimangali- sayo kukulinga ukubonisa indawo engagqibi luto. Ndiba mna bambalwa, ukuba bangaba bako, abantu abantsundu abakanyelayo, ukuba isizwe sase Mangesini sikulu : ukuba sikulu kunezizwe za Maxosa. Ukubako ko- bukrestu nokukanya ixesha elide kangaka bekungenakuba kungenzi sahlulo. Ndikolwa ukuba ababaninzi abantsundu abangavu- miyo ukuba Amangesi ayazidlula nezinye ezimhlope intlanga. Angatandabuza umntu ukuba aya kuhlala enjalo na, nokuba asaya kuba nexesha elide enjalo; kodwa akuko ku- tandabuza ukuba ngemini ezidluleyo nangolu lwanamhla ngawo apambili. Tina bazalelwe pantsi kwe Nkosazana oko kuba pambili kwa- wo, oko kupakama kwawo asaneli kukuvuma nje kodwa ; sikuvuma sivuya siqayisa ngako, ngokukodwa kuba impembelelo yako ayi singise kwimisebenzi ebongekayo.

Into ke yona ekufaneka ukuba ipaulwe emva kwako konke oku yile. Ukuba Amangesi atabate iminyaka emawaka mabini ukuza kufikelela kwesi simo akuso ngoku, akuko sizwe singabanako ukufikelela yinina ngexesha elifutshane kunelo ; Kunokuli- ndeleka na ukuba abantu abanala malungelo esiwanikwe ngabafuudisi nolaulo lwe Nkosazana, bayakucota ,ngohlobo lwabantu ababe- ngenawo ; Ukuba umntu ugqibe iminyaka emashumi mabini esimba indlela, abahamba ngalo ndlela kulindeleke ukuba baya kugqiba iminyaka ekumashumi mabini na nabo ; Yona elishumi ingalindelwa na ? Ewe kunga- ba asikokwase ngqondweni ukulindela ukuba isizwe siya kungena ekukanyeni ngexesha lesizukulwana esinye; kodwa kulungile na ukuteta ngohlobo lokungati kufuneka iminyaka emawaka mabini nokuba kuse kuteni na ?

Nangapandle koko eyona ndawo ingange- niyo kwesi sizukulwana sinyukayo yile yo- kungati wonke umntu omhlope ungapezulu nakubanina ontsundu. Bambalwa kwesi sizu. kulwana abakolwayo ukuba nabanina omhlope okwesi sika Kama ungapezulu kuka William Kama ; ukuba kweliya la Mamfengu *bonke* abamhlope bangapezu kwamadoda anjengo Feltman no Mazamisa, namanye ; ukuba e-Batenjini bonke abamhlope banga- pezulu ko Mawonga no Mankayi Rengqe, no Sigenu ; ukuba kwa Ngangelizwe bonke abamhlope bangapezu ko Ngangelizwe ; ukuba koma Dutywa amadoda anjengo Sigidi anga- pantsi kwabo bonke abamhlope; ukuba u- Tiyo Soga ebengenamntu umhlope alingana naye. Ukuba abo babala o-Milton no Bacon namanye amagama amakulu bangaba bateta ukuti wonke umntu omhlope makanikwe imbeko ka Milton no Bacon bangaba basaya kuyifinca iminyaka emawaka mabini beshu- mayela kakulu, pambi kokuba bamcole ontsundu oya kubanika imbeko yalomagama. Kukade ndigqalisana nenteto ekutiwa zite- twa ngabantsundu ngokulingana kwabo na- bamhlope, umntu ke ofuna umongo nenyani- so yendawo ebangwa ngabantsundu uya ku. yifumana kulamazwi ndiwenzileyo. Kuka- bini kupela endike ndive omhlope eyipuma ngokusemhlotsheni lendawo yokuba akuko namnye umntu Omhlope ongade alinganiswe nontsundu ; kodwa kukafuti kona ndiqubisa- na nezenzo eziteta elozwi. Ndiqubisane nazo ngasese nakwindawo zasekuhleni; ezi- ntlanganisweni zokuxoxa isimo selizwe nezokuxoxa imicimbi yelizwi, nase mitanda- zweni. Kekaloku abantsundu bona bati na- kuba abamhlope befince iminyaka emawaka mabini benobukrestu nokukanya, bako aba- tile kwabantsundu abangatelekiswayo naba- mhlope ngapandle koloyiko. Akuko mata- nda ukuba kubantu abamhlope kuko amaga- ma amakulu; ukuba kuko amadoda enze- imisebenzi engekakangeleki kontsundu, ama- gama ampembelelo ingapezu koko baba aba- nye ingako. Into yona engavunywayo nga- bantu abatsha kukuti imbeko yamagama anjalo ifanele umntu wonke omhlope nge- sizatu sokuba emhlope. Kodwa ke andinge- ni kona engxoxweni yelipike. Ndibe ndifu- na ukubonisa nje kodwa apo ukoyo umongo walo, kuba kuko abawuposileyo ukuwuva baza bawuposa ukuwuxela.

Make sidlulele kwenye indawo, eyona idluliseleyo ngokoyikeka ukutetwa le yokuba umsebenzi wabafundisi awubulelwa, ixabiso lawo aliqondwa. Yindawo le ekankanywa ngomsindo nokucapuka, evelisa amazwi eku- lusizi ukutetwa kwawo. Ndingade nditi

ISIKOLO sase Ncemera sivulwa ngolwesi- Hlanu ngomhla wamashumi omatatu wale nyanga. Intsapo ilindelwe ukuba ifike ngo- losuku.

UMBONISO wezilimo nento ezifuyiweyo wase Ngqushwa uyakuba ngowa 25 Februarv lo uzayo.

IMVULA ezimnandi siva ukuba zawa nge Cawa edlulileyo e-Rini nangase Bofolo nase zintabeni kwesisitili sase Qonce. Apa lisa- balele ngakunye.

UMFUNDISI webandla lase Wesile u-Rev. J. G. Wenyon, wase Durban, e-Natal ubube ngo 12 January. U-Mr. Wenyon yindodana entsha eyaya e-Natal ngenxa yokungapili ya- nikwa indawo e-Betelehem yase Free State.

LIYANCONYWA kunene ilanga e-Selem ngezantsi kwe Rini. Iqora litshe kanye, seku- nqapazeka amanzi okuseza impahla. Ama- fama ayayisisa impahla yawo.

INTLANGANISO zabafundisi bama Bandla ase Tshatshi (ebise Rini) nelase Wesile (ebi- se Bayi) zipele ekupeleni kweveki engapa- ya kwedlulileyo.

U-MR. RUDLOFF, oyimantyi yase Ladysmith e-Natal, ufumene isicelo ku Mabulu ami kwelakwa Zulu ukuba abe ngu Monga- meli wolaulo lwawo olutsha alumisayo.

KUYAVUYISA ukuva ukuba e-Natal abantu balindele isivuno esihle nonyaka.

ABANTU abavela kwindawo ngendawo za- ngapandle abafuna ukuya kumba uloliwe ku. soloko benze into yanye ukungena. Inkoliso inyuswa ngololiwe.

INQWELO yamahashe yeposi esuka e-Kirn- berly, ngokunje e-Pretoria isand' ukumnka nalomlambo kutiwa ngoweNgwenya (Croco- dile). Yonke into ebikwele kuyo, ngapandle komqubi, ife yonke, naye lowo ngokwake useleye kufika ngehashe ukuya kubika e- Pretoria apo.

ELASE Batenjini lelikankanyelwa imvula sifilenje tina apa. Kwakutshanje siva uku- ngati ike yana e-Xonxa.

NGOBUSUKU bokuba kuse ingu Mvulo we- veki edlulileyo, okokuqala kwezinyanga, ke kwawa amatontsana nakuba engabanga nto. ISive omnye esiti yi parafine.

NGOMHLA we 17 ku February ozayo, impahla ese skiti e-Sidutyini iya kulilelwa yi- ntsimbi yefandesi, ingatanga ize ikutshwe ngabaniniyo pambi kweloxesha.

AMAKULI amakulu matatu afike e Natal ngo 19th January evela e Madras (India).

AMADODA amatatu asandukupangwa idayimani ezikwixabiso le £4,000 kufupi ne lase Dayimani.

IZIHLOBO zika Chalisi (Charles Brownlee) zovuyiswa kukuva ukuba upilile, selesekubuyeni kuyo lenyanga.

AMABANDLA ase Tshatshi nawase Wesile acele ukuba usuku Iwesi-Tatu Iwa 28 January, lumiselwe bucala ukuba lube lolokuzitoba pambi ko Yehova ngenxa yelilanga libandezeleyo.

U MR. DANIEL MAZINYO wangase Monti obesakubase Gxulu ucela amehlo kubantu base Rafu ngoyise owemka kudala ekaya okuvakala ukuba ungakulomacala.

INTLANGANISO yabafundisi base Wesile base Natal iqale ukuhlangana ngo 20 Iwalenyanga. U Rev. Frederick Mason esesihlalweni.

U VAN ROOY ekutiwa wabulala u Bethell Awela Bahlambeli ubanjwe ngo 22 January.

INOQAKAQA ibiAwa e Balini nase Qumra.

KUKO amatshetshetshe okungati uloliwe oya e-Burghersdorp uya kuvulwa kuyo lenyanga izayo.

U-REV. F. H. FISH webandla lase Tshatshi no Rev. T. H. Wainman welase Wesile basi- nga kwela Bahlambeli, ukuya kuhambisa umsebesenzi wobufundisi kwimikosi ekwelo.

E-BURGHERSDORP kunconywa ukuba ninzi kwenkumbi, noko bati into eluncedo kukuba kunye nokufika kwazo kufike nezintaka zi- tya zona.

UMGCINI skiti sase Xonxa uyakalazelwa kanye ngabantu abakweso sitili ukuba lomsebenzi akawupete ngendlela yemfanelo. Umbaleli welase Komani oyindoda emhlope uyangqina naye ukuba okwenene kunjalo.

EYASE Bolotwa impahla ese skiti iya kute- ngiswa ngolwe 14 ku February ozayo.

IMA TYI yase Dutywa (u Major Bell) isa- piwe ixeshana lokupumla, okwangokunje ise Rini.

EMVA ko April ixabiso lokutunyelwa kwe- ncwadi eziya e Transvaal, liya kutotyelwa ekubeni libe linye nelalapa e Koloni.

U COLONEL CLARKE, Umpatiswa wa Komkulu e Lusutu, wenza ngako konke anako ukutshabalalisa amalinga okungeni- swa kwentengiso yotywala kwelo.

KWIMIKOSI eyakwelaba Hlambeli, kuketwa kupela amadoda akwaziy o ukudubula.

INDODA kwakwesisitili ebisand' ukubelwa inkabi ezimbini, yazifumana sezixeliwe, ate akubanjwa amasela lawo, zakuba zifunyenwe nezikumba, waxoliswa umninizo ngokunikwa i £16 ndawanye nezikumba ezo zake.

E BURGHERSDORP kuko umfo ontsundu osand' ukudutyulwa lifama abati ngu Pelser, (igokusuka ahambe e mhlabeni wendoda leyo.

NGENXA yezipazamiso eke zapazamisa ekumbiweni kwendlela le *ka.* loliwe iya e Burghersdorp, ezinje ngokufika kwe ngqakaqa, kwancipake abasebensi abantsundu ngoko; sekubonakala ububa uya kuba nokuqala ukuhamba u loliwe ngo March.

E MOLTENO lite elinye ifama ngoAufiAa enye yegusha zalo ixeliwe yafihlwa ndaweni itile, layigalela ityefu kantike lotyefu iya kubulala isitoba samadoda antsundu, amasela.

NALO linconywa e Kokstad ukubalela apo bati akuseko nesibi esi.

KUVAKALA ukungati kulama polisaase Rini kuza kutiwa kepu iqela elitile eliya kusiwa kwelama Bechuana.

E-NYARA amafandesi empahlayase skiti aya kuba ngolwe 4 nolwe 6ku February ozayo.

EMA MPONDWENI isicaka somfo abati ngu Mr. Cooper sisand' ukudubula inkosana yama Mpondo ebisiba iziqamo zenkosi yaso. Nokoke omnye lowo akadubulanga embona umnumzana lowo, ute kodwa ngokuva ira- shazo emitini waseledubula.

E COLESBERG kuko umntu osand' ukufu- nyanwa, ete kanti kudala esifa yingqakaqa koko ufihliwe ngababo.

AMA PORTUGUESE asand' ukunxamela ukupambana nama Ngesi ngomkombe wama Ngesi owangena e-Bayini lase Madeira onenpahla owazitengesalo gapandle kokurafa ngokwesiko.

INXALENYE yempahla ese skiti, e Elands- fontein, iya kutengiswa e Colesberg ngolwe 12 ku February lo uzayo.

ITAPILE ngoku zihlile kakulu inxowa ima kwisheleni zontatu nane, kuse Colesberg apo siva ukuba kumanani emarke akwakutshanje inxowa imi Awishumi elini sheleni zone (14s).

NGOKUMAYELANA nomcimbi anyukele wona u Sir Charles Warren, akukonto yona seyide yavakala, ngapandle kokubutana kwemikosi.

KUMADODA omkosi lo use Ligwa babini abasebefile, omnye ubulewe ngamanzi, wa- tshona ebe quba, omnye yingozi yompu.

KWOMKULU kwa Mqikela bekusand, ukubako intlanganiso enkulu kunene, ebekubizelwe kuyo izizwana ezininzi. Ezibini kuzo kutiwe ziyatinjwa komkulu ngenxa yokusuka zivumelane nesizwe ebekukade sibanga inkatazo, ke namhla ziyahlutwa nazo ubuzwe.

E TOLENI, e Cumakala, kuyakubako ifandesi lempahla, ngomhla we 11 ku February.

IMVO ZABANTSUNDU NGABANTSUNDU.

UM AN YANO ngemfundo yintlanganiso yokuqala emiswe pakati ngabantsundu ngokwabo ngapandle koncedo olu Iwazekayo Iwaba Fundisi no Mantyi, uncedoke olo inangoku olusabafaneleyo abanye kubantu bakowetu. Lendawo ke akumatanda, iya kukolisa uninzi obelulindele ukuba amalinga awenziwa ngabantsundu ngokwabo se" sona sibonakalo simiyo sehambiselo pambili yabo. Inqubo yolu manya- no njengoko iboniswa njalo ezimise- Iweni zalo yile, " ukunyamekela yonke imicimbi esingisele emfundwe- ni, ezikuleni nakubo bonke abanye abapete imisebenzi yolohlobo, entsi- ngiselo yayo ikukulungiselela noku- pakamisa abantsundu; ukuxuma amasoko abo njengoluntu kwane- ntlalo yabo ipela." Intlangano yo- kugqibela yelibandla ibise Debe e- kutwaseni kwenyanga nje ; yonga- nyelwe ngu Rev. ELIJAH MAKIWA- NE wase Rwarwa weblelo le Free Church, owayenyulelwe e-Bongamelini bayo ngo July wonyaka odlulileyo, owenze inteto yentshayelelo njengokwesiko lentlanganiso leyo: ekunamhlanje esinovuyo ukuyane- kela uluntu. Lenteto siyifumene tina ingemnandi kodwa koko ine- mfundiso ngapezulu, sayeke singe- namatanda ukuba kuyakubabuyekeza abo boti bayilese. Eyona ndawo kuti iyenza iyole ngakumbi lenteto kukwazi ukuba ibalwe, pakati kwe- nto eninzi efundileyo entsundu, ngo- fanelweyo kukuyiteta, xa sikangele kwinto ayiyo sakukangela uhlobo awazikangela ngalo izinto ezisingi- sele kubantu bakowabo xa waye ngu Mhleli we *Sigidimi* Imvo zika Mr. MAKIWANE zibaluleke ngakumbi kuba zipatelele kulengxoxo ingaka ingemfundo yabantsundu, ingxoxo esekukade ixutyushwa ngo- bushushu obukulu nakuba ibe ivele- Iwa ngacalanye. Indawo yokokuba nakwabantsundu sekuko abangene kakulu ekucedululeni ingxoxo eziko- yo ngoku, bambalwa abebenokuyi- qonda; emakukunjulwe okokubana- bantsundu bazamela ukufika kwizi- gqibo ezifaneleyo nezindilekileyo pezu kwenyaniso abanazo. Abaci- ngayo siyakolwa tina, bayakutoma- lala kukubona abantsundu bezane- ka eluntwini imvo zabo. Ngapandle kokuya pi ngenteto asikuko no- kuba kuyasivuyisa ukulaneza ilizwe ngemvo zabantsundu (kuba u-Mr. MAKIWANE eteta zona) kwingxoxo ngengxoxo ezimayelana nabo ebezisand' ukuxonyelwa ameblo kwakutshanje luluntu.

Malungn Entlanganiso—Mhla lafika izwi lesandla senu, lokuba nindinyule ukuze ndi- be ngu Mongameli weliqela Lomanyano Ngemfundo, ndotuka, ndakatazeka. Ukuba la- lifike ndisenetuba lokwala ngapandle koku- yingenisa ekuxakekeni Ikomiti yenu ngendi- ba andivumanga. Kwandimangalisa uku. nyula umntu ongakange enze nto yokubonisa ukusifanela kwake esisihlalo, umntu obenge- ko pambili ezixoxweni zenu, obengabonakalisanga nkutalelo yokunyamekela imicimbi yolu Manyano. Ndakatazeka ndakucinga ngokungazilingani imfanelo ezilunge nesihla- lo enindicelele sona. Nangapandle koko ni- yazi nonke ukuba ixesha lam, asilelam ; ukuba ndinemfaneloendingefane ndizishiye, uku- ba ke ngoko lincinane ixesha endingati ngalo ndilungiselele amalungelo Elibandla Lomanyano.

Emva kokutandabuza ndagqiba kweloku- ba ndingali. Akusento nokuba andizinge- nanga izizatu ezandibangela ukuba ndigqibe njalo. Mase ndisiti unyulo Iwam Iwandini- ka imbeko enkulu, nakuba Iwanditwalisa ukubuzeka okunzima. Ububele benu bundingene, ndiyanibulela ngabo. Ndiya kuku- funa ukuba nindinyamezele nindivele. Aku- nqweneleki ukuba ndide nditi ndiyakulinde- la ukuba nindixase xa sise zintlanganisweni naxa singapandle kwazo- Ndiyatemba ukuba intlanganiso zetu ziyakuba rnnandi, zibe nenzuzo; ukuba siyakufumana ukukutazwa emsebenzini wetu onzima, sifunde okuya kuba luncedo ezikuleni zetu.

due as well to his sacred calling as to the close attention he has given, especially during the last fifteen years while he edited the *Kafir Express,* to all questions affecting his countrymen. Mr. MAKIWANE'S observations are, moreover, import-ant, because they are a contribution to the question of Native Education that has recently been discussed with warmth and spirit from one point of view. That there are nownatives who are as absorbed in the questions of the day as any ardent politician is a fact which has been recognised by very few, and it should be remembered that these natives are striving to base sober and honest judgements on facts that are within their reach. It cannot, we think, but gratify the thinking portion of the community to observe a disposition on the part of the natives to publish these views for the benefit of all. Without further remarks we have much pleasure in giving the views of the natives (for Mr. MAKIWANE is a representative man) on various questions which have arrested public, attention recently.

FELLOW MEMBERS,—When I was informed by the Secretary that I had been elected President of this Association, I was both surprised and disquieted. I would certainly have declined the honour if your invitation had reached me when I could have done so without greatly inconveniencing your Committee. I was surprised that you should have thought of one who had shown no fitness for the position ; one who had taken no leading part in your deliberations; and one who can scarcely be said to have shown an active interest in the affairs of the Native Educational Association. I was disquieted when I thought of my inability to discharge adequately the duties which are necessarily connected with the position you have called me to occupy. Further, you are all aware that my time is not all my own ; that I have other engagements to fulfil which I cannot neglect, and that, consequently, I'll have very little time left for forwarding the interests of this Association.

After some hesitation I decided not to refuse. I need not state the considerations which led me to this decision. Your choice conferred on me a great honour as well as laid a great responsibility. I appreciate your kindness, and thank you. warmly for the same. I shall need your indulgence and sympathy, and I need scarcely express the hope that you will be ready to help and support me both in the meetings and out of the meetings. I hope that our meetings to-day will be pleasant as well as profitable; that we shall be encouraged in our difficult work and learn something which will be of use to our schools.

In the following remarks I do not intend to say much on any one particular point. I shall refer, as shortly as I can to some questions which have been attracting attention of late; questions in which this Association is more or less interested I refer to these questions chiefly by wav of explanation rather than that of suggesi- ing a solution ; and also in order that the members of the Association mav consider what their duty is.

I shall fiist of all take up the question of the young people as it has been lately discussed by our friends and by those who cannot be considered as such,. I am aware that 1 am about to take up a delicate matter, but so much has been said and is still being said on this subject that I feel myself called upon thus early to draw your attention to it, and to offer what explanation I can make. The question is one of extreme interest, and involves several points, some of which I have notseen taken up; though their importance is great. There are three points to which I mean to make reference in connection with the young people; and all these points load to one and the same thing.

The first is that the young—especially young men, and more particularly those who are connected with this Association claim to be equal to Europeans. In other words, it is asserted or assumed that the rising generation forgets that the natives are an inferior race. To remind them of this, a reference has on various occasions been made to great names and great deeds. Reference has been made to such names as Shakespeare, Milton, Bacon, and others, and to railways, wire fences, and other public and private works which show the skill and energy of the English people. Then it has been asked if the Kafir can produce anything to equal these names and these works. It has been represented that no one could expect anything else in as much as the English have had 2000 years of civilization while the native is as yet a barbarian, or, at best, only semi-civilized—those who are said to be educated being so-called from mere courtesy. This position has been demonstrated with much heat and great ability. Few things have astonished me more than the labour, energy, learning and heat which have been expended on this point. In addition to the various public statements which have been made I suppose most members of this Association are acquainted with various doubtful expedients which have been followed with a view to convince the rising generation that they belong to an inferior race. What is astonishing to me is that so much should be said or attempted to be proved which will after all settle nothing. 1 suppose there are not many natives, *if any,* who do not readily acknowledge that the English are a great Nation, that the English Nation is a greater Nation than the Kafir. The possession of Christianity and civilization for so long could indeed not fail to make a difference For that matter, I do not think you will find many natives who will dispute the statement that the English Nation is greater than any other European nation, when all things are considered. One may doubt if their pre-eminent position will always or will be long preserved,.

ingapezulu nakule senditete ngayo, ifanele ukuba niyikangele ngentliziyo ezinyanisileyo. Okwangoku andizi kuyixoxa nayo; ndiza ku- kankanya amabalana atile akuyo. Ukuba bendiza kuyixoxa ndibe ndiza kupendula imibuzo yokuba bungakananina ubunyaniso obukoyo kwesisikalazo nezinye ezifana naso ? Ukuba sivela pina ? Liyintonina kanye izwi elitetwa ngabantu abancinine ? Lilungile alilungile Sinina? Into efanele ukwenziwa yintonina ?

Kodwa ke mhlaumbi kuse kuya kwa nela ukuba ndivakalise mhlope ukuba akuyi- yo nene ukuba abantsundu abawubuleli uni- sebenzi wabafundisi, ukuba abalivumi ixabi- so lawo. Akuyiyo nene nokuba kutiwe baba ngoku bangapumelela ngapandle kwabafundi- si; kuba bafuna ukubakaba abafundisi nje- ngokuba umntu ekaba ilela angasenakunyu- kela pezulu ngayo.

Kwezinyanga zidluleyo u-Mr. Joseph Moss wase Diamond Fields uke wafu- nda ipepa ilidal' ingxoxo eninzi, lazidala lifanele. Ndaba lusizi ukuba isiqingata salo sokuqala siyayicacisi kakuhle inteto yalo; mandingatsho nokuti ndandingangena kuma- zwi onke awatetayo. Nokoke waba nendawo azivelisayo ekwakufuneka becinge kunene ngazokubabangamalungu olu Manyano. Ngo- kusingcele kwelopepa lika Mr. Moss mande- nze amanqakwana amabini. Elokuqala lelo- kuba abanye abamhlope labanyanzelela pa- mbili ekucingeni ukuba abantsundu abasaba- funi abafundisi; elesibini lelokuba mna andi- mvelanga ukuba utsho u-Mr. Moss. Into endabona yona mna kulo yeyokuba uti na- kubafundisi ingapaulwa nangontsundu umntu into eposisekileyo. Amadoda amada- la akuti abesiti akuva umfundisi esiti, " Ba- wo wetu ose zulwini," base belandela nabo besitsho; bebonisa ukuba bona bati umfundisi yinto yokulandelwa naxa yenza okuse caleni, okuyipazamisayo indlebe yomntu ontsundu. Kwangokunjalo sifumana benga- teti nto xa abafundisi bangena kumicimbi engapazamisi nto; nakumicimbi elunge no- mniniyo yedwa. Kekaloku ipepa lika Mr. Moss libonisa ukuba liko iqelana labantsundu eliti umfundisi angaboniswa naye kwezinye izinto; eliti nomntu ontsundu angakuvakalisa ukutandabuza kwake. Yiyo leyo ke into ete- twa nangabanye abantu abantsundu ; endi- ngati xa ndiyidibanisa namazwi esendiwe- nzile nditi kupela kwayo.

Mhlaumbi kuyakufuneka ukuba ndibande- zele kakulu kwelokuba aba bantu batshoyo ababangi bukulu nokuti bayalingana nabo babonisana nabo. Abafundi-mapepa Ama- ngesi bayalazi ukuba lininzi kwenani labahle- li-mapepa nababaleli abakade beteta ngo Beaconsfield no Gladstone. Kodwake ngu- banina owaka wacinga ukuti ezimbitywana zabahleli zingaba zilingana nezo zikulu ziteta ngazo ? Lomsindo nokucapuka ababanako abanye akuvula umlomo umntu ontsundu anditsho ukuti ufanelekile. Anditandabuzi kona ukuba abantsundu bayawubulela umse- benzi abawenzelwayo nokuba abakafuni kwa- hlukana nabafundisi. Andiyitandabuzi nendawo yokuba liyanda iqela elicinga ukuba umfundisi angaboniswa.

Make ndalate nenye into abati abantsundu ayiqondwa. U-Rulumeni uzibalela ukuba usesikundleni senkosi ya Maxosa; ozima- ntyi bati basendaweni yenkosana ; abafundisi bati basendaweni yabazali. Kekaloku ku- salungile oko. Kodwa kubonakala ukuba abanye baba inkosi ibisenza ngokutanda kwayo ; ize inkosana zihambise eyazo intando kwezo ziqingata zazo ; aze umzali aqube o- kwake emzini wake. Abanye *ke* bati njengo- kuba bese sikundleni senkosi nesabazali ma- babe nalomagunya okuquba ukutanda kwabo kungeko ni enokubapazamisa. Abantu ke ababa inkosi nomzali bebengapazanyiswa baya posisa; kunjalonje elogunya labo alivu- nywa bani ongaba akenzi yona indawo yoku- zilungiselela inkonzo. Lento ate u-Captain Blyth no Mr. Levey bapumelela kakuhle ka- ngaka Pesheya kwe Nciba kungokuba benga- ngenanga ekubangeni amandla okuquba uku- tanda kwabo ngapandle kokupazamisa kuka- bani.

Eyesitatu into elunge nabantu abatsha na- kuba, ilusizi, kungelula nokuyiqonda, ayina zindawo zitshisayo njengezi zimbini ndise ndizikankanyile. Ikwankulu nayo, kufune- ka ukuba niyicinge niyincipise ngangoko ni- nako. Kangangoko ndiyiqondayo ingatetwa ngoluhlobo—abantu abatsha abantsundu be- ma ngokukolekayo eziklasini ngelixesha abase Lovedale, e-Nxukwebe, e-Rini, nakweminye imizi elolohlobo. E-Lovedale apo bafunda namadodana amhlope bema ngokuncomeka- yo ngokukodwa xa umntu akumbula ukuba abantsundu baqala sebebadala, Abanye bema ngokubukekayo nokuba umntu akayifa- kanga londawo yokusuka kwabo kade. Kekaloku bati bakusishiya isikolo asalele nga- semva ontsundu, ade angamazi nalapo waya watshona kona uwabo lowo. Yiyo londawo ke ebangele ukuba ezinye izihlobo zetu zite- te ngokungati ziyancama ; zize intshaba zi- vuye. Yiyo lendawo ebangele ukuba abafu- ndileyo bafumane igama elibi kangaka, baze babizwe ngamagama okubasinekela. Umbu. zo ke ngowokuba imbangi yintonina, kuya kuncedwa ngantonina ?

Imbangi yoku ingenjiwanje ukutetwa. Xa ababafana base sikolweni impembelelo aba- pantsi kwazo zibafikelela *ngokupantse* kwali- ngana, amabongo abo ayelelene; ziyafana izinto ezibakutazela ukuba bazame—isiqamo sipantse safana—into leyo ebifanele ukupau- Iwa ngapezu koku ipaulwe ngako. Kekaloku akupuma esikolweni lamadodana impembe- lelo akuzo ziyahluka kanye ; amandla okwa- hluka asentlalweni yabantu abadibana nabo. Njengokuba lendawo inkulu make ndi- nge ndiyayicacisa. (1) Into yokuqala yeyokuba inkoliso yamadodana aya koma Lovedale apuma engekakwazi ukuyifunda ngemi- blali incwadi ya Mangesi, nditeta ukuyilesa okungapandle kokulungiselela izifundo ze- klasi. Ati ke asupuma abe akasakubasaqubela pambili ; aze angabi namatuba okudibana nalemizekelo ibongekayo nengcingane ezivu- selelayo ezisezincwadini, ezibangela ukuba umntu azinikele emsebenzini, ade imihlali yake ayifumane koko kuzinikela. Nakuba ndingatsho ukuti imizamo yokafundisa el i- qela ingumsebenzi ocitakeleyo, mandilipume Iona elukuti akusemfanelweni ukubadela aba- ntsundu, ukuba ndamisa ngokuti, abaqubeli pambili, ngesizatu seliqela lipuma lingekakwa- zi ukuzifundela incwadi. (2) Kweyesibini indawo, bati aba bapuma sebegqitile kwixa- biso lenkwenkwe yesikula bafumane ukuba banedabi elindawo mbini emabalilwe elinga- pandle kokuba umntu wonke emelwe kuza- ma ukuze apile—kufuneka belwe nezihlobo

zabo ezingatandiyo ukuboniswa nto iposise- kileyo entlalweni yazo, baze batwale ukusi- nekelwa ngabamhlope abababahleka ngobumfe- ne, ukuzenza inkosazana elizim. (3) Kwa- ba bantu babarauleyo bambalwa abayimize- kelo yokulandelwa. (4) Enye indawo ne- yona ikwezipambili bambalwa abafumana amakosikazi aseleqonda ukuba impilo yalo mhlaba ayiyingoma yodwa, ayizizo nyembe- zi zodwa; amakosikazi angenweyo nawo yi- ntliziyo yokuqubela pambili engaba iko kwi- ndodana. Asikuko nokuba ndiyenza nkulu lendawo kuba ndiyazi impembelelo yomfazi ; kuba ndisiti abo *baqeqesha* intombi ngabona bantu singesibabulela ngokudluliseleyo. Nditi sendiwadlulile lamazwi ndaqubisana nale nteto ka Smiles endicela uxolo ngokuyinge- nisa apa. Uti, " Ngumfazi omisela intlalo yendlu, amandla okuhlala kakuhle kwabantu bonke asesandleni sake. Kokukona ngoko kufuneka ngokudluliseleyo ukuba aqeqeshe- lwe kuso isidumo sokuzicwangcwisa kakuhle zonke izinto." Ikaya "ukuze libe yindawo evuyisayo, impembelelo yalo ibe yelungileyo, ngokukodwa kubantwana, kufuneka lizaliswe ngumoya wokonwaba, nokucokiseka, nota- ndo, nengqondo. Ukuze kube njalo kufuneka kuko umfazi olungelelanisayo, okuteleyo, ofundileyo,. Ndingade nditi ukonwaba no- kungonwabi endlwini ngumsebenzi womfazi. Akuko sizwe siyakuza sinyuke ngapandle ko. kuba kulungiswe amakaya aso ; akuko kaya linokulunga ngapandle komfazi. Umfazi ngoko unga angaqeqeshelwa imfanelo zokupila." " Elona lungu lendlu lingenamsebeuzi ngapezu kwamanye ngumfazi ongakwaziyo ukupata indlu; ngumntu oyinkazana onqenayo." Kwakule ncwadi ka Smiles u-Joseph Corbett wase Birmingham ubalisa imbali elusizi ya- kokwabo, imbali eyelele kwezininzi zalapa aze ati ukuyipeta kwake :—" Kangangoko ndibonileyo ukufundiswa kwamankazana ukuze apate umsebenzi wendlu, ukuze avelise ukucwayita nokonwaba, kungabangela uku. ba bungabi ngaka ububi namatyala ; angabi ngaka amadoda anxilayo nabantwana aba- ngatobeli bazali. Asikuko nokuba ndikwe- nza kukulu ukufundiswa komtinjana."

Isizatu sokuwangenisa lamazwi, kukuboni- Ba enye yendawo ezibangela ukuba beti abe- bequba ngokutembisayo esikuleni bangabi nampumelelo inteto ngenteto kwangemicimbi yengxoxo ngendlela emnandi kwa- njengale yanduleleyo.

Amanqaku.

---------♦----------

U-Nehemiah Tile siva ukuba ubanjiwe, ulikonxwa e-Mqanduli, ngetyala lokusu- ka alukuhle inkosana ezintsundu ngokuti mazimangale zingazirafeli izindlu ema- ntyini. Ngoko nokokuba ulikonxwana akute tyatye kakuhle kona okwetyala alapo ngalo. Lomfo ka Tile uyazeka kakuhle kumbali wolu pawu. Wayeke waneminyaka eluqeqeshweni, eqeqeshe- Iwa ebufundisini, elunge kuma Wesile, wayeke enazo zilingane zake esazelwa ukuba ngumfo ocingayo, ongcamango inamandla, ingagobiyo. Umbaleli obalele

kwi *Journal* uti ngaye, " Ubekade eyalwa eboniswa zizihlobo, kanti yonke lonto ayimncedanga luto : impendulo yake kupela ibiyile yokuba—bukonxwa buba- njwa nokokuba bobobom bupela, nakufa abuyi kumshukumisa ukuba ayiyeke angayenzi into ayibona yinifanelo yake kwi nkosi yake nabantu bakowabo." Iti yakwenjenje ukuma lenteto, ibe kanye ngu Nehemiah Tile ehleli. Wanyanzele- Iwa ukuba abuyeke ubufundisi obo xa kwabonakalayo ukuba umnke mpela nendawo yokukatalela into ezingolawulo. Asikolwa ukuba u- Nehemiah ubenemfu- ndo ngokwaneleyo, ebingamncedisa ukuba abe nako ukumelana nenkatazo zemi- cimbi yezinto zaselulawulweni, nemici- mbi enjengale ebengene kuyo—noku- misa ngokunye ulaulo wezondawo zinga- paya kwemida ye Koloni, kuba uzinge- nise enkatazweni angeleyipepile.

